BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 www.bu.edu/Africa/alp africa@bu.edu 617.353.3673

# Proverb 4: Umfundisi Ulindwa Ngeculo.

## Background Music

He bafazi bale lali!

He bafazi bale lali

Olu lwimi lungaka, hee naniluve ngabani na?

Sasiluve kwangawe

Hee, Naniluve ngabani na?

Sasiluve kwangawe x 2

Ndandisitsho ndithini na?

Wawusith'uyancokola

Wawusith'uyancokola

M m m m m m m m

| | |
|---|---|
| **Tshezi:** | Kowu! Yangen'into kaTshezi kwedini! |
| **Mamkwayi:** | Awu! H e e, tata! |
| **Tshezi:** | Awu! Ungaz'uthini? Ungaz'uthini? |
| **Mamkwayi:** | H e e, uyathand'ukuba namatshamba ke wena. |
| **Tshezi:** | Ungaz'uthini? Ungaz'uthini nkosikazi yam? |
| **Mamkwayi:** | H e e! Uyathanda ukuba namatshamba ke wena. |
| **Tshez:** | Awu, ndizawuthini ukungabi namatshamba? Ndipheth'eziny'indaba. |
| **Mamkway:** | Ndiyakwazi.Waziwa ndim. |
| **Tshezi:** | Khawuyek' us' kuman' usebenza maan MamKwayi. Khawubeke… |
| **Mamkwayi:** | Tata awunakuthetha nditshayela na. |

| | |
|---|---|
| **Tshezi:** | Kwewu! Sihambe sitshata nje. Hayi mh mh! Kwewu! |
| **Mamkwayi:** | Ibe kanti yinto ebalulekileyo le uza kundixelela yona. |
| **Tshezi:** | Iyawuthin’ ukungab… Into eza noTshezi ubokuyazi ukuba iya kuhlala ibalulekile.Wow! he e. |
| **Mamkwayi:** | Uzawuyixelela mna le nto okanye ke ngoku sibize nomntana? |
| **Shezi:** | Hayi. Uphi khon’ umntana? |
| **Mamkwayi:** | Nomathemba! |
| **Tshezi:** | Ewu! Ungazuthini ngabantwana? |
| **Mamkwayi:** | Nomathemba! |
| **Tshezi:** | Yha a! |
| **Mamkwayi:** | Lo mntana kunini ndimkhwaza. |
| **Tshezi:** | Kowu! |
| **Mamkwayi:** | Akayithand’ indlu. |
| **Tshezi:** | Tyhini! Uvela phi lo mntwana? Hlal’apha phantsi! Hlala phantsi! |
| **Mamkwayi:** | Ntomb’am, |
| **Nomathemba:** | E e mama. |
| **Mamkwayi:** | Utat’akho ingathi kukho into afuna ukusixelela yona. |
| **Tshezi:** | E e e e e! Ntomb’am yizokuhlala apha ecaleni koyihlo. Ecaleni koyihlo. E e e! (utsho encumile). UTshezi upheth’iindaba ezimandi. |
| **Mamkwayi Nonomathemba:** | E E tata. |
| **Tshezi:** | Mhm mh! UTshezi ufumen’umsebenzi. |
| **Nomathemba:** | Yhu mama! |

**Mamkwayi Nonomathemba:** Heeeeee utata!

**Mamkwayi Nonomathemba:** Yhu! Sibonwa yintoni!

**Tshezi:** Yagxothw'indlala!

**Mamkwayi Nonomathemba:** Yhu!

**Tshezi:** Yagxothwa indlala!

**Mamkwayi:** Tata ufumen'umsebenzi?

**Tshezi:** Kowu! Hee! Nguban'owayesazi!

**Tshezi:** Kodwa ke okubi naku

**Nomathemba:** He e utata kukh' okubi ngoku?

**Tshezi:** He e e umsebenzi ndiwufumene eGoli.

**Nomathemba Nomamkwayi:** Yho! Hayi ke ngoku tata.

**Tshezi:** Int'etheth'ukuthi ndiyahamba apha.

**Nomathemba:** Yenye ke l'uyithethayo.

**Mamkwayi:** Tata siza kuhlala nabani apha?

**Tshezi:** Hayi ndiyaziqonda ukuba zimbi.

**Tshezi:** Kodwa ke uTshezi uhlal'enecebo.

**Nomathemba:** Lithi ke ngok'icebo?

**Tshezi:** Ngonje ke.Ndiza kunishiya kuTshawe.

**Nomathemba Nomamkwayi:** Yhu! UTshawe?

**Tshiwo:** UTshaw'apha yindod'endibonayo ukuba inenkathalo, endiyaziyo, uyaqonda? Ukuba nifuna into, uTshaw'ukhona. Kwanto eniyifunayo, uTshawe ukhona.

**Mamkwayi:** Ingathi sowusishiya nje ngoku?

**Tshezi:** UTshawe yindoda endiqondayo ukuba iza kuniphatha kak'hle. Yithi ndimfowunele, ndingachithi xesha.

*(UTshezi uyafowuna )*

**Tshezi:** He e e ndimbamb'emnxebeni. He e, ndimbamb'emnxebeni.

**Nomathemba:** Yhu! Zange ndoyiswe! Sihambe sigciniswa.

**Mamkwayi**: Tyhini! Ingathi sizizilwanyana. Sihambe s'shiywa.

**Tshezi** (*Uyafowuna*): Yha! Tshawe, phakamisa Tshawe! Tshawe nkosi! Tshawe nkosi khawufik'apha. Eee! Ukhona umba odl'umzi, ee. E e Tshawe nkosi. Ndiyabulela. Kowu! Tshawe nkosi.Yha!

**Mamkwayi:** Ndithe nqa uthi gqi sowupakishile caba kudala uyazi kanti.

**Tshezi:** Hayi. Okubalulekileyo, ndiza kuphangela ngoku.

(*Kuyankqonkqozwa emnyango*)

**Tshezi:** Ngena Tshawe. NguTshawe lowo? Ngena Tshawe. Tshawe nkosi! Kowu!

**Tshezi:** Yangen'indoda endiyaziyo! Yangena indod'endiyaziyo

**Tshawe:** Tyhini! Molo mfondini.

**Tshezi:** Yangena indoda endiyaziyo. Tshawe nkosi! Akukho nto?

(*UTshezi ubulisa exhawula ngesandla uTshawe*)

**Tshezi:** Kuhle

**Tshezi:** Heke!

**Tshawe:** Ndafika endlini kubekw'iibhegi Kwenzeka ntoni?

**Tshezi:** Hayi Tshawe nkosi……..

| | |
|---|---|
| **Tshawe:** | Yhu! (encwina) Amathambo! Undibize ngonomyayi kwedini. |
| **Tshezi:** | Akukho nt'wimbi Tshawe nkosi. Akhont'wimbi. Ndithi mandikwazise ukuba ndifumene umsebenzi. |
| **Tshawe:** | Awu! Tyhini mfondini! |
| **Tshezi:** | Ngonje wena undibuz'uba ungena ndawoni apho. |
| **Tshezi :** | Ngonje wena ubuza ukuba ungena ndawoni na apho. |
| **Tshawe:** | Ewe. Ndingena ndawoni mna? |
| **Tshezi:** | Ndifuna undigcinel'usaph'olu. |
| **Nomathemba:** | Lent, inje? |
| **Tshawe:** | Tyhini le ndoda! ! He e! |

(*utsho ngoncumo*)

| | |
|---|---|
| **Tshezi:** | Yha! Yha! |
| **Tshawe:** | Utheth'intwenkulu ke ngoku. Ndigcin'isapho eli? |
| **Tshezi:** | Usaph'olu, gcina. |
| **Tshawe:** | Yhu! Mh! Inkulu le nto uyithethayo. |
| **Tshawe:** | Yha! Ewe! Ubashiy'ezandleni zendoda. |
| **Tshawe:** | Yhu! Kwedini! |
| **Tshezi:** | Tshawe nkosi, uyindoda masingachith'ixesha. |
| **Tshawe:** | Yhu! Kwedini! Hamba, hamba. |
| **Tshezi:** | Mandihambe Tshawe nkosi ndawugxothwa ndingekafik'emsebenzini. Ndakugxothwa ndingekafiki. |
| **Tshawe:** | Thath'iibhegi uhambe. |

| | |
|---|---|
| **Tshezi (*Esanga Inkosikazi Yakhe*):** | He, Owu! Heyi! Mandang'umfazi. |
| **Mamkwayi:** | Eyi tata! (*utsho engonwabanga* ) |
| **Tshezi:** | Ndawubuya maan, ndawubuya, Kowu! Hee, ndiza kubuya ndibuye sendipheth'izimuncumuncu. Khangela! Hi! |
| **Nomathemba:** | Tata! tata! Ufane wenze. |
| **Tshezi:** | Hayi ke! Hayi ke.Yho! Hayi ke masibonaneni, masibonaneni. |
| **Tshawe:** | Uhambe kakuhle Tshezi. |
| **Tshezi:** | Tshawe nkoooosi! Tshawe nkoosi! |
| | Tshawe nkoosi! Hoya a a a! |
| **Tshawe:** | Yho! heke! Yha! Yho! Heyi! Hayi, hayi, hayi. Yhooo! *(ebhekisa kuNomathemba)* Ntombi |
| **Nomathemba:** | Tata. |
| **Tshawe:** | Oku kweti. |
| **Mamkwayi:** | He e! Ungaluthuzelis'umntwan'am ke apha. |
| **Nomathemba:** | Tata uyaqala ke. |
| **Tshawe:** | Hayi hayi hayi. San'ushwabula kangaka. UTshez'ushiye mna. |
| **Mamkwayi:** | Ke ngoku? H e e! He e |
| **Tshawe:** | Ndim indoda ngoku apha kweli khaya. Eyenziwa nguTshezi ndiyayenza. |
| **Mamkwayi:** | He e e! Eyenziwa ngu……H eee! Yho! Hayi ke! |
| **Tshawe:** | Into ebizwa nguTshezi, ndiyayibiza. |
| **Mamkwayi:** | Uzam'uthini ke ngoku lilonke? |
| **Tshawe:** | Laa ndawo ebelala kuy' uTshezi ndiza kulala kuyo. |

**Mamkwayi:** Hee! h e e! Hayi ke!

**Tshawe:** Kangang'ba mas'tsho s'jikela khona ngoku. UTshezi akekho maan ngoku. Uya kubuya kudala. Masambe, masambe, masambe, masikhawuleze.

**Mamkwayi:** Hayi, kodwa yhey yho, hayi, hayi. Khangathi kodwa sigcin'olo hlobo. Yho! Hayi, hayi, kodwa!

**Tshawe:** Hayi, hayi hayi! S'ukhalala. Masiye! Masiye! Yho! Ha a a a! Tyhini! UTshezi undishiye nomzi. Ngoku ke kufuneka ukuba kucace. Yhaa!

PART TWO

(Music in the background)

(*He bafazi bale lali! He bafazi bale lali! Olu lwimi lungaka naniluve ngabani na? (Hey! You women of this village where did you hear about the gossip?*)

**Tshawe:** (*Ephulula isisu esikhulelweyo sikaMamKwayi, oko ekwenza ngamabhongo, kodwa kukhona nokuxhalaba*). Yinto esiza kuyithini na le kuTshezi? Xa enokufika ngoku kukho le nto uTshezi angathini?

**Mamkwayi:** Ebethe Kaloku Ndigcine Nje?

**Tshawe:** Hay, hay kalok'uTshezi akanakuyithanda intw'enje.

**Tshezi:** (*Uyafika Uvela Emsebenzini. Wonwabile Kuba Eza Kubona Usapho Lwakhe.*)

Awu! Yangen'nto Katshezi!

**Mamkwayi:** Ayingotata Na Lowo?

| | |
|---|---|
| **Tshezi:** | Iyhuuu! Nguban’owayesazi! |
| **Tshezi:** | Awu Tshawe nkosi. Hoyaa! |
| **Mamkwayi:** | Tata! |
| **Tshezi:** | Yho! Mamkwayi! |
| **Mamkwayi:** | Tata! |
| **Tshezi:** | Hoya a!Tyhini!Khawuze, khawuze! |
| **Tshezi:** | Yintoni ngoku le? Mamkwayi! He bafondini! Tshawe nkosi |
| **Tshawe:** | He mfondini! |
| **Tshezi:** | Ndithe yintoni ngoku le?! *(ekhomba isisu esikhulelweyo senkosikazi yakhe )?* |
| **Tshawe:** | He mfondini !He mfondini.Yima ndikuxelele. |
| **Tshezi:** | Undixelele ntoni? Ndiyabuza yintoni le? |
| **Tshawe:** | Mandikuxelele mfondini.Khawume kakuhle ndikuxelel’intwezi. |
| **Tshezi:** | Tshawe nkosi , ndithi yintoni na le? Tshaw’ingath’uzenz’uyise walapha.Yibhatyi kabani le? |
| **Tshawe:** | He mfondini! Mfondini! Ubungatshongo ukuba mandibagcine? |
| **Tshezi:** | Ngonje bendithetha le nto? |
| **Tshawe:** | Ndibagcinile kaloku! Ucing’ba nguban’indoda aph’endlini ngoku? |
| **Tshezi:** | He bafondini! |
| **Tshezi:** | Ubungekho umk’iminyaka emininzi. |

**Tshawe:** Kaloku mfondini, sithi nesiXhosa, umfundisi ulindwa ngeculo.Ndiyeke mna! ndiyeke mna. Tyhini! tyhini! *Le ndoda ayinantloni!* (*utsho enomsindo wokuquma ihlazo*, *ephuma ehamba*)

**Tshezi:** He bantu! Heee! Kuthethwa le nto*?( ebhekisa kwisisu senkosikazi yakhe*).

*(ugxotha inkosikazi*) He maan wena usahlelele ntoni, ungalandeli uTshawe nkosi lona?

**Mamkwayi:** Tata!

**Tshezi:** Phakama! Phum'uphele kulo mzi wam! Khawuthi ndiyowuthath' isagweba sam. Phuma ulandele uTshawe nkosi lo wakho, umke nale nto niyenzileyo apha. Tyhini, hee!